



ISihlomelo A

ISivumelwano sokuZinikela – kwiimviwo zika2026 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (iNSC)

--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--

Igama lomgqatswa

Inombolo yesazisi (i/D)

Igama lesikolo

Isithili

1. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (iNSC) zilawulwa yaye ziqhutywa ngokweMimiselo ephathelele ekuziphatheni, kwezingolawulo nolawulo lweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (iMimiselo), eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente enguNombolo 31337 yomhla wama29 kuAgasti ka2008 njengoko yahlonyelwa ngomhla wama30 kuAprili 2019, kuwo onke amaphondo eli lizwe.
2. Nasiphi na isenzo sokutenxa okanye ukwaphulwa kwale Mimiselo ngumgqatswa weemviwo zeNSC zika2026 singakhokelela ekubeni iziphumo zabo zeemviwo zimiselwe **njengezililize nento engekho**. Kunyanzelekile ke ngoko ukuba bonke abagqatswa bayazi le migaqo nemimiselo ngokuthungelana nemimiselo echaphazelekayo njengoko ithiwe thaca kwiMimiselo. Kubalulekile ke ngoko ukuba bonke abagqatswa baziqhelanise nemigaqo kunye nemimiselo ze batyikitye le fomu yokuzinikela iqhotyoshelwe apha kule nkalo. Abazali/abanonopheli/abo baliliso kukwalindeleke ukuba batsho ukuba bayayazi le migaqo nemimiselo ngokuthi batyikitye nabo kule fomu yesivumelwano sokuzinikela.
3. Ngaphambi koviwo, umgqatswa kunye nomzali/umnonopheli/lowo uliliso kufuneka baqonde oku kulandelayo:
 - (a) Wonke umgqatswa kufuneka abe ukubhaliselwe ukuchophela iimviwo zika2026 zeNSC.
 - (b) Ubhaliso olo luya kuqinisekiswa kwileta yokwamkelwa eyanikwa umgqatswa nediza oku kulandelayo:
 - (i) igama nefani ngokugqibeleleyo;
 - (ii) inombolo yoviwo;
 - (iii) igama lesikolo;
 - (iv) izifundo kunye nenani lamaphepha aza kubhalwa ngumgqatswa lowo; ndawonye
 - (v) nemihla kunye namaxesha okubhalwa kwephepha ngalinye.

- (c) Abagqatswa kunye nabazali/abanonopheli/abo baliliso kufuneka bajonge ze baqinise oku kulandelayo:
 - (i) imihla kunye namaxesha eliza kubhalwa ngayo iphepha ngalinye;
 - (ii) amaxesha okufika kwiziko lokubhalela (ubuncinci kwisithubs seyure enesiqingatha nga[hambi kwexesha lokuqala];
 - (iii) ukuba abagqatswa banazo iileta zokwamkelwa kwakunye neeID ngawo onke amaxesha;
 - (iv) ukuba abagqatswa banazo zonke izixhobo zokubhala zephepha ngalinye; kwanokuba
 - (v) abagqatswa banxibe iyunifomu yesikolo epheleleyo xa bechophele iimviwo.

4. Abagqatswa kufuneka baqonde oku kulandelayo:

- (a) Abagqatswa babopheleleke kuyo yonke imib ephathelele kwiimviwo ekukuthobela imiyalelo yombhalisi oyintloko kwakunye neyombhalisi/neyababhalisi.
- (b) Abagqatswa kulindeleke ukuba baphendule kwimibuzo ekwiphepha lemibuzo ngokwabo, ngaphandle koncedo loogxa babo okanye labahlohi babo, ukub kuthi kunikezelwe uncedo ngumhlohi/ngumbhalisi/ngomnye umgqatswa, loo mgqatswa unoxanduva lokukuchaza oko kumbhalisi oyintloko. Abagqatswa abathi basilele ukuzichaza ezo zenzo baya kudyobheka kwisenzo esigwenxa sethuba leemviwo.
- (c) Abagqatswa banoxanduva lokunikezela ingxelo ngazo naziphi na iinkcukacha okanye amarhe eziphathelele kwizenzo ezigwenxa kwinombolo yomnxeba emiselwe le njongo. Le nombolo yeemviwo iya kuba yinkonzo esebenza iiyure ezingama24. Ngaphezu kwalo mnxeba weemviwo, iinkcukacha okanye amarhe lawo achazwe nakwinqununu. Ukusilela ekwenzeni oko kuya kuthatyathwa njengokusebenzisana kwiyelenqe anokulithwaliswa njengetyala umgqatswa.
- (d) Kwiimeko apho iphepha lemibuzo, okanye i(i)nxalenye yephepha lemibuzo idluliswa kumgqatswa ngeimeyili, ngeSMS, ngoWhatsApp okanye ngayo nayiphi nae nye indlela yezobuchwepheshe, ze basilele ekuchazeni eso senzo kumbhalisi, baya kuthatyathwa njengabakwelo yelenqe nabo.
- (e) Bonke abagqatswa kufuneka bagcwalise **irejista yeNSC yezixhobo zobuchwepheshe** ezilawulwa sisikolo. Le rejista iya kudinga ukuba abagqatswa barekhode iinkcukacha zayo yonke iminxeba yesinqe kunye/okanye nezixhobo zobuchwepheshe eziza kusetyenziswa ngethuba leemviwo. Ukuba umnxeba wesinqe okanyenasiphi na esinye isixhobo sobuchwepheshe sithi sitshintshwe ngethuba leemviwo, oko kufuneka kuchazelwe inqununu. Nceda uqonde ukuba inombolo yomnxeba wesinqe kwakunye nezinye iinkcukacha ezichaphazelekayo zalo mnxeba wesinqe zingathatyathwa njengeenkcukacha zomntu njengoko kumiselwe kwicandelo 1 lomthetho iProtection of Personal Information Act (iPOPIA), ka2013 (uMthetho 4 ka2013). Ngokutyikitya esi sivumelwano, abagqatswa banikezela ngemvume zabo ngokwemigaqo yecandelo

11(c) lePOPIA, kwanokuba iinkcukacha zabo zingasetyenziselwa iinjongo zokuqhutywa kweemviwo zeNSC.

- (f) Xa sele bekwigumbi lokubhalela iimviwo, abagqatswa kufuneka baqinisekise oku kulandelayo:
 - (i) ukuba akukho zinowuthi okanye ke naziphi na ezinye izinto ezingavumelekanga kwigumbi leemviwo ezikubo. Ukufunyanwa unazo naziphi na iinowuthi okanye izinto ezingalindelekanga egumbini leemviwo kuya kuthatyathwa njengesenzo esigwenx.
 - (ii) ukuba akukho minxeba yesinqe, okanye naziphi na ezinye izixhobo zobuchwepheshe ezith ezangeniswa kwigumbi leemviwo. Nasiphi na ke eso sixhobo sifunyenwe kuye, noxa singasetyenziswa nje ngethuba loviwo, sikwayinxalenye yobugwenxa yaye kuya kuwiswa isigwebo esifanelekileyo.
- (g) Kuluxanduva labagqatswa ukujonga ukuba bafumana iphepha lemibuzo elichanekileyo kunye/okanye isifundo abasibhaliseleyo.
- (h) Akukho ncwadi yeempendulo zeemviwo (okanye nxalenye yencwadi yeempendulo/yephepha leempendulo), esetyenziswayo okanye engasetyenziswayo, iya kuthi isuswe kwigumbi loviwo. Ukuba kuthi kwenzeke oku, kuya kuthatyatywa njengesenzo esigwenxa ze umgqatswa **ANGAFUMANI** manqaku ngolo viwo kwelo phepha lemibuzo.
- (i) Ukuba umgqatswa uthi abhale isifundo singachanekanga okanye ngenqanaba lolwimi olungachanekanga (xa iliphepha lolwimi), oku kuya kuthatyathwa njengesenzo esigwenxa yaye kuya kukhokelela ekubeni iziphumo zomgqatswa ziblokhwe/zirhoxiswe /zilibaziseke.
- (j) Abagqatswa bacetyiswa ngokumandla ukuba basebenzise indlela yokubhala engaguqukiyo kwiincwadi zabo zokubhala. linguqu kwindlela yokubhala zingambhida umntu omakhishayo de acinge ukuba ukhe wabhalelwa nangomnye umntu. Oku kungakhokelela kuphando olungalibazisa ukukhululwa kweziphumo.
- (k) Ibalulekile indlela aziphatha ngayo umgqatswa ngaphambi, ngethuba okanye emva kokuchophela iphela lemibuzo. Indlela yokuziphatha ephazamisayo okanye edungayo ayiyi kunyanyezelwa futhi ke umgqatswa angazibhaqa esalelwa ekubeni abhale.
- (l) Kwimeko apho umgqatswa ayanyaniswa nesenzo esigwenxa ngethuba loviwo, umzali/umnonopheli/lowo uliliso kunye nomgqatswaa kufuneka beze kuchophela ukuphulaphulwa. Ukusilela koku kungalibazisa ukukhutshwa kweziphumo zakhe.

5. Ezona ntlobo ziphambili zezenzo ezigwenxa ezinokuthi zehle zidweliswe kumakhasi 5 no6.

6. Kwimeko apho umgqatswa afunyanwa ethe wophula nayiphi na imigaqo nemimiselo ethe yakhankanywa ngentla apha, iSebe leMfundo esiSiseko (iDBE) iyalinkonya ilungelo lokuzicima iziphumo zomgqatswa, futhi angathi athinelwe ekubhaleni **uviwo olunye ukuya kwezintathu ezilandelelayo**, njengoko kuthiwe theca kwiMimiselo. Angafumana nokutshutshiselwa izenzo zolwaphulomthetho ukuba kuthi kufumaniseke ukuba umgqatswa lowo ukwabandakanyeka ekusasazeni naliphi na iphepha lemivuzo yoviwo okanye inxalenye yalo.
7. Abazali/abanonopheli/abo baliliso kwakunye nabagqatswa kufuneka baqonde ukuba ukuba kufumaniseke ukuba kukhutshe kwasasazwa iphepha lemibuzo okanye inxalenye yalo ngaphambi koviwo, uMlawuli Jikelele weDBE ngentsebenziswano noUmalusi, uya kwenza isigqibo sokuba elo/loo maphepha emibuzo kuza kufuneka aphinde abhalwe na.
8. Abagqatswa ekutyholwa ukuba bebenalo eli phepha lemibuzo okanye inxalenye yalo ngaphambi koviwo, kuya kulindeleka ukuba bangenise iminxeba yabo yesinqe okanye naziphi na ezinye izixhobo zobuchwepheshe kwiDBE ukuze kuphandwe nangakumbi. Apha abagqatswa banikezela imvume yokuba iinkcukacha ezikuloo minxeba ingalusetyenziselwa olo phando, ngokwemigaqo yecandelo 11(c) lePOPIA.
9. Kuya kuthi kuthatyathwe nentshukumo yoluleko ngakumagosa abandakanyekayo kwizenzo ezigwenxa kumaziko abo eemviwo.

Isinikezelo somzali/somnonopheli/soliliso

Mna, _____, (igama elipheleleyo lomzali/lomnonophelo/loliliso) ka _____ (igama elipheleleyo lomgqatswa) ndivakalisa ukuba ndiyifundile yaye ndiyayiqonda imigaqo nemimiselo ephathelele ekuziphatheni ngethuba leemviwo zeNSC kwakunye neziphumo zoko ukuba umntwana wam/iwadi yam ophule nayiphi na kule mimiselo.

(Isignitsha)

(Umhla)

Isinikezelo somgqatswa

Mna _____, (igama elipheleleyo lomgqatswa) _____ (inombolo yoviwo) ndimisela ukuba ndiyifunde ndayiqonda imigaqo kunye nemimiselo ephathelele ekuziphatheni ngethuba leemviwo zeNSC ndawonye neziphumo ukuba ndithi ndophule nayiphi na kule mimiselo.

(Isignitsha)

(Umhla)

Ikhomishinwe yinqununu (ngokwesikhundla)

Mna, _____, ongu (igama elipheleleyo lenqununu) _____ (igama lesikolo), ndiyavuma ukuba esi sinikezelo sikhankanywe ngentla apha sityikitywe ndikho:

_____ e _____.
(Umhla) (Igama lendawo)

(Isignitsha yenqununu)

Istampu sesikolo:

Isikolo kufuneka sisigcine esi sivumelwano sokuzinikela de zibe zisonjululwe zonke izenzo ezigwenxa zethuba leemviwo ze kwaqukunjelwa neenkqubo zezibheni. Kufuneka kunikezelwe ikopi kumgqatswa, ngelixa iorijinali igcinwa esikolweni apho.

Iintlobo zezenzo ezigwenxa ezinokuthi zenzeke

	Uhlobo lwesenzo esigwenxa
1.	Ukufika emva kwexesha (abagqatswa abayi kuvunyelwa ukuba babhale ukuba bafika emva kweyure luqalile uviwo yaye akukho xesha longezelelweyo liya kunikezelwa kubagqatswa abafika emva kwexesha)
2.	Ukuza nezixhobo ezingavumelekanga kwigumbi loviwo (iinowuthi zokuzikhumbuza, iminxeba yesinqe okanye ezinye izixhobo zobuchwepheshe, njl-njl.)
3.	Ukukopa (komnye ymntu/kuyo nayiphi na into)
4.	Ukuvumela abanye abagqatswa bakope kuye
5.	Ababhaleli (namphi na omnye umntu obhalela umgqatswa)
6.	Ukukrazulwa kwamaphepha encwadi yemibuzo okanye ukumosha incwadi yeempendulo (yonke imisebenzi yokurafisha kufuneka yenziwe kule ncwadi yeempendulo ngepensile, umgca oxananaze kuyo ze kubhalwe "umsebenzi wokurafisha")
7.	Ukubhala inombolo yoviwo engachanekanga kwincwadi yeempendulo
8.	Ukwamkela iimpendulo kubabhalisi okanye kulo naliphi na elinye igosa

9.	Ukungasingenisi iskhripthi seempendulo ze uphulukane namaphepha eempendulo kumbhalisi emva kokuchotshelwa koviwo
10.	Ukunxila okanye uqhube amatakane ngenxa yokuba usele nasiphi na isiselo esingekho mthethweni kwanokuthi umgqatswa aziphathe ngendlela ephazamisayo
11.	Naluphi na uhlobo lwesigrogriso
12.	Ukufumana iphepha lemibuzo komnye umntu ngaphambi komhla nexesha elimiselwe olo viwo kwanokusasaza eli phepha lemibuzo liphathekayo okanye likuhlobo lwezobuchwepheshe, usebenzisa amakhasi onxibelelwano (umz. uWhatsApp, njl.njl.)
13.	Ukubhalela uviwo ngaphandle kwendawo yoviwo
14.	Ukusilela ukuqinisekisa kumbhalisi ukuba liphepha lemibuzo (inani lamakhasi, inani lemibuzo, ixesha lokubhalwa kwelo phepha, ukulungiswa kweziphene – ukuba zikho)
15.	Nayiphi na intshukumo okanye indlela yokuziphatha komgqatswa okanye yakhe namphi na omnye umntu oya kumvumela ukuba afumane amanqaku ngendlela engagunyaziswanga ngethuba lokuchotshelwa koviwo
16.	Ukunganikezeli ngxelo ngalo naluphi na ulwazi okanye ukuba nentluva okanye ukufikelela ngqo/ngokungathanga ngqo kwintluva
17.	Ukusilela ukunikezela ingxelo ngokufikeleleka kwentluva ngokuthe/ngokungathanga ngqo ngoWhatsApp kwanokusilela ukumpimpa umntu olikhuphileyo